



IBhayibhile yam

yOKwenza nokuFunda



INcwadi-1

eYiphutha

funda ukufunda
nokubhala

a
iApile



z z
iVila

bible society
the BIBLE people
since 1820

Funda
ukufunda nokubhala!
IProgram yeLitherasi

IBhayibhile Yam yoKwenza nokuFunda INcwadi-1

My first Bible Do and Learn Book - this basic literacy primer was developed by the Bible Society of South Africa based on the Do and Learn method developed by Dr Rose Botha. This book was first published in English in 2012.

IsiXhosa Literacy Project
First digital edition 2016

© Bible Society of South Africa 2016

Author: NP Ncapai

Editor: NF Saliwa-Mogale

All rights reserved. No part of this book may, without prior written permission of the publisher, be reproduced or transmitted in any form or by any means, electronic, mechanical or otherwise, either through photocopying, writing, audio recording, or any other system for information storage and retrieval.



Published by the Bible Society of South Africa
PO Box 5500, Tyger Valley 7536, Bellville
www.biblesociety.co.za

ISBN 978-0-7982-1966-2

Isikhokelo sikatitshala

IBhayibhile Yam Yokuqala

Intshayelelo

Ukukhuliswa kolwimi kwenzeka xa kuzingisiwe ekutyhilweni kwemizekelo eyiyo yolwimi. Amava kunye nomdla wabafundi kungundoqo ekukhuliseni ulwimi. Utitshala okanye umzali makabonakalise inkuthazo kunye nenzondelelo kuko konke abafundi abathi bakuthethe kwaye bakubhale. Xa utitshala efundisa abafundi kufuneka beyazile injongo yokufunda isifundo esithile, abachazele ngokunjalo ngeziphumo zesifundo eso.

Amabali akwincwadi yomntwana siwashwankathelie ukulungiselela iminyaka yabantwana. Ungaphinde ubafundele ibali elipheleleyo eBhayibhileni ukuze balive lilonke okanye ulibalise lonke.

Nazi iziphumo zezifundo ekufuneka utitshala azifundise abafundi:

- Ukwazi ialfabhethi
- Ukwakha izivakalisi
- Ukuguquguqula ithoni (ukunyusa nokuhlisa ilizwi)
- Ukunika umsebenzi wokulola ingqondo
- Ukukwazi ukuphinda babalise ibali ebebelibaliselwe
- Ubuchule bokumamela
- Ubuchule bokufunda
- Ubuchule bokubhala
- Ukuzenzela izichazi-magama (iidikhshinari)
- Ukukwazi ukuhlanganisa imifanekiso neentloko zawo, nokuyilandelelanisa
- Ukukwazi ukwahlula phakathi kweyantlukwano nokufana
- Ukukwazi ukugqithisa imiyalezo

Landela izikhokelo!

Imifanekiswana engezantsi ineda utitshala nabafundi ukulandela imiyalelo yesifundo eso.

 Umncedisi/utitshala uya funda ze acacise.	 Khangela - abafundi bachonga/bakhangela amagama.	 Ipensili - abafundi bayabhala.
 Thetha - abafundi baphinda amagama okanye baphendule imibuzo.	 Funa ufumane - abafundi kufuneka bafumane izinto okanye amagama.	 Ipensili enombala - abafundi bayazoba okanye bafake imibala.
 Masisebenze - ibonisa umsebenzi wabafundi.	 Ukuqhwaba - abafundi bayaqhwaba babale.	 Ukutikisha - abafundi batikisha impendulo echanekileyo.

Isifundo 1 - Oononye

Le ncwadi ilungiselelwe abantwana abakwiminyaka emihlanu ukuya kwiminyaka esixhenxe. Abazali nootitshala besikolo seCawa bavumelekile ukuba babancedise kangangoko abantwana ukufunda. Apha abantwana banikwa ithuba lokufunda izandi nendlela ezibizwa ngayo. Kwenzelwa ukuba

abantwana bakufumane kulula ukufunda isiXhosa. Amagama amaninzi ngoononye kwaye ngamagama afumaneka onke kwiBhayibhile. Izandi zibhalwe ngoonobumba abancinci noonobumba abakhulu. Qala ubafundise oonobumba abancinci.

Titshala/Mncedisi

Undoqo wesi sifundo kukufundisa oonobumba okanye izandi. Bafundise oonobumba, bawafunde bawabhale onke amagama. Mababhale ialfabhethi beqala ngoonobumba abancinci baye koonobumba abakhulu.

Beka abantwana ngokweminyaka yabo. Aba basebancinci kakhulu, basaqala isikolo, mababhale izikhamiso a, e, i, o, u. Kulungile ukuziphinda-phinda de baziqhele. Khumbula ukuba sibaqhelisa ukuthanda ukufunda incwadi.

Isifundo 2 - Oonombini

Kuba abantwana ezinkonzweni bebekwa ngeminyaka, utitshala makaqinisekise ukuba bayancedisana ukufunda amagama amatsha. Sakugqiba ukufunda oonobumba kwisifundo sokuqala, abangoononye, sidlulela koonombini noonontathu ngendlela esiwabiza ngayo amagama esiXhosa ukwenzela ukuba kube lula ukuwfunda. Bakhuthaze ukuba bakhe amanye amagama ngezandi ezo bazinikiweyo bewathetha ngomlomo emva koko bawabhale phantsi bencedisana.

Titshala/Mncedisi

Bakhuthaze bakhe izivakalisi ngamagama abawafundileyo ukuqinisekisa ukuba bayawaqonda.

Isifundo 3 - Ndim lo

Abafundi bakhuthazwa ukuzoba ukuze babe nokuzithemba. Akukho mzobo ungalunganga yonke imizobo ilungile. Babhala iinkcukacha zabo bencediswa ngootitshala, ngabazali nangabantwana bakumawabo. Bakhuthaze ukuba bakufika ekhaya, bacele abantu bakumawabo ukuba babancedise ngomsebenzi obubanike wona.

Isifundo 4 - Indalo kaThixo

Abantwana bafundiswa ngendalo kaThixo.

Bafundise ukujonga umfanekiso, baqikelele igama. Mabafunde onke amagama, emva koko bandule ukubhala amagama ngezandi abazinikiweyo: umzekelo -

Nd – indoda

Ny – inyanga

Ng – ingelosi

Isifundo 5 - Umthandazo wabantwana

Nika abantwana ithuba lokuxela izinto abanqwenela ukuzithandazel.

Titshala/ Mncedisi

Mabajonge amagama anezandi u-Ss no-Yy apha kwisifundo.

Mabongeze nawabo abawacingayo.

Isifundo 6 - Umkhombe kaNowa

Titshala/Mncedisi

Nika abantwana ithuba lokuxela izinto abanqwenela ukuzithandazel.

Mababize amagama alapha kwisifundo anesandi esingu-s no-b bandule ukuwabhala phantsi onke amagama abawacingayo.

Isifundo 7 - Unogumbe

Titshala/Mncedisi

Mabacinge zonke izilwanyana zasekhaya nezasendle.
Bakhuthaze bazobe nasiphi na isilwanyana abafuna ukusizoba.

Isifundo 8 - Yayeka ukuna imvula

Abantwana mabathethe ngokulungileyo nokungalunganga ngemvula.
Mabazobe emaphepheni imvula nazo zonke izinto ezinxitywayo xa kunetha.

Isifundo 9 - Umsebenzi wokubala

Mabathethe ngezilwanyana zasekhaya abazaziyo, ungabakhumbuza ezinye abazilibeleyo. Mabazibale njengoko zibhaliwe encwadini. Ungabuza imibuzo umz.

1. Zingaphi iidonki?
2. Zingaphi iikati?
3. Zingaphi iigusha?

Isifundo 10 - UMoses ucholwa emanzini

Mabathethe ngomfanekiso kaMoses. Vumela ingxoxo ngebali likaMoses. Bangenza nomdlalwana webali elo, bejunge emifanekisweni.

Isifundo 11 - UMoses uhangula abantu bakhe amaSirayeli

Bakhuthaze bazobe ubuso obulusizi nobuso obunovuyo. Khumbula ukuba akukho mzobo ungalunganga.

Mabajongisise imifanekiso yomibini baze baqaphele izinto ezingumahluko phakathi kwemifanekiso yomibini. Banike ixesha elaneleyo lokuqwelasela izinto ezifanayo nezahlukileyo. Zama ukuba bawonwabele lo msebenzi. Zezinye iindlela zokulola ingqondo yomntwana le.
Mazifikwe isangqa izinto ezahlukileyo.

Isifundo 12 - Imithetho elishumi

Titshala/Mncedisi

Bavumele bacengceleze imithetho elishumi, bazame ukuyicacisa intsingselo yayo.
Vavanya ulwazi lwabo.
Banike umthetho ube mnye baqashele ukuba ngowesingaphi na. Mabayenze yonke le nkqubo ngolonwabo. Mabatreysie amanani babone ukuba kuphuma ntoni na.

Isifundo 13 - UDavide umalusi

Emva kokufunda ibali likaDavide ezincwadini zabo, mabafune bafumane iigusha zikaDavide ngokulandela umgca. Bancedise bangabetheki eludongeni. Bayakuwonwabela lo msebenzi.

Isifundo 14 - UDavide ulwa nendoda esisigebenga

Mabafundelwe ibali lendoda esisigantsontso uGoliyathi. Baphendule imibuzo ngesifundo. Mabanikwe lonke ithuba lokulinganisa indoda esisigantsontso. Emva koko bafumane amagama akwigridi.

Vavanya ulwazi lwabo:
Banike ulwazi olungeyonyaniso, umzekelo:
UGoliyathi wayemncinane kakhulu.
Wayenobubele, elungle.
abantu babemthanda.
Bakhuthaze abafundi bakunike izivakalisi ezichanekileyo.

Uvavanyo

Akhona amagama apheleleyo abhalwe kwigridi, banike ithuba lokuwazingela. Bakhuthaze bakhangele amagama achanekileyo okanye apheleleyo kwigridi abayinikiwego. Khumbula ukuba basenokuthatha ixesha elide xa bezama ukufumana la magama. Yiba nomonde bade bawafumne amagama. Bancome bakufumana naliphi na igama.

Isifundo 15 - UDaniyeli neengonyama

Bafundele ibali likaDaniyeli, baphendule imibuzo bejunge emifanekisweni. Bakhuthaze bakhuphele amagama abhalwe ngamachokoza ezincwadini zabo.

Isifundo 16 - Ukuzalwka kukaYesu

Mabajonge imifanekiso yonke baqikelele konke okuthethwa yimifanekiso.
Mabafake isangqa kumagama abawanikiwego bejunge emifanekisweni.

Isifundo 17 - Izazi zeza nezipho

Mabaxoxe ngeziphoezaphiwa uYesu zizazi:
Igolide
Imore
Intlak'ehlhophe.
Yithi mabaye kubuza kubazali babo ukuba yintoni na imore nentlak'ehlhophe.

Isifundo 18 - Ukuzalwka kukaYesu

Vavanya ulwazi lwabo:
Mabagqibezele amagama ngokuthelekisa igama nomfanekiso.
Bavumele bancedisane ukwakha amagama ukuze balonwabele uvavanyo.

Isifundo 19 - UHerode ufunu ukubulala usana uYesu

Bancedise bathabathe usana baye nalo eYiphutha phaya kumzobo.

Isifundo 20 - UYesu wenza umsebenzi kaThixo

UYesu uthanda wonke umntu.
Bancedise ngokubakhuthaza bathethe ngendlela abathanda ngayo uYesu. Mabakhuphele isivakalisi.
UYesu uyandithanda. Emva koko benze uvavanyo bencedisana.

Isifundo 21 - UYesu usifundisa ukuthandaza

Bafundise ukuxabisa ukuthandaza njengoDavide.
Mabazame ukucengceleza lo mthandazo.
Bafundise nomthandazo kaBawo wethu oseZulwini.

Isifundo 22 - UYesu uyemka emhlabeni

Bafundel' ibali ngokucotha nokucacileyo. Buza imibuzo efana nale:

1. Wafela phi uYesu?
2. Ingaba uYesu usesengcwabeni?
3. Wavuka emva kwentsuku ezingaphi?
4. Waya ngantoni ezulwini?

Mabazobe umfanekiso womnqamlezo.

Isifundo 23




Babuze imibuzo ngeculo eli:

1. Eli culo lithetha ngabani?
2. Eli culo lisifundisa ngantoni?





Titshala/Mncedisi

- Bakhuthaze bazame ukucula eli culo ngetshanti kaWakrazulwa ngenxa yami. Baculele wena itsanti elula kaWakrazulwa ze bayisebenzise kweli culo.
- Makuxoxwe ngokubaluleka kwemfundo nenzozo efumaneka ngokufunda. Banike ithuba lokuba wonke umntu athethe kule ngxoxo. Khumbula ukuba akukho mpendulo ilungileyo nengalunganga, injongo kukuba abantwana bakhuphe izimvo zabo.

Isifundo I

 i-apile	 abelusi	 iculo	 uDavide
 uEstere	 ufele	 igolide	 uHerode
 imini	 amajoni	 ukumkani	 ileli
 umoya	 uNowa	 i-oli	 ipesika
 iqula	 uRarheli	 isebe	 itakane
 ubuntu	 isivuno	 iliwa	 isixeko
 uYesu	 izazi		

Isifundo 2

nk  iinkuni	ng  ingobozi	nt  intaka	ny  inyanga
sh  ishumi	kh  ikhaka	bh  isibhakabhaka	th  ukuthandaza
mp  impuku	mb  umlambo	mv  imvula	ms  umsi
hl  umhlaba	ty  izityalo	dl  isidlo	ts  tsala
nkw  iinkwenkwezi	ndl  ulwandle	tyw  ukutywina	ngc  ingca



ziro



zimbini



zine



inye



zintathu



zintlanu

Isifundo 3

Ndim lo



iigusha



abelusi



Zoba umfanekiso wakho:





Masiphendule le mibuzo ilandelayo:

Igama lam ngu:



Ifani yam ngu:






Umama wam ngu:

Utata wam ngu:

Ndihlala e:




Masibhale amagama ngezi zandi:



Isifundo 4

Indalo kaThixo



UThixo wadala:




IGenesis I:I-26

usuku 1 Imini Ubusuku	usuku 2 Izulu Ulwandle Umhlabo
usuku 3 ingca izityalo	usuku 4 Ilanga Inyanga Inkwenkwezi
usuku 5 Iintaka Iintlanzi	usuku 6 Izilwanyana uAdam noEfa
usuku 7 UThixo	 waphumla



Masibhale amagama ngezi zandi:



Faka umbala kumhlabo:



Umthandazo wabantwana



thandaza



inyanga

1. Sibulela ubomi bukamama.



2. Sibulela ubomi bukatata.



3. Sibulela ubomi nokutya namanzi.






4. Sibulela ikhaya lethu.



5. Sibulela uthando lwakho.



Masibhale amagama ngezi zandi:



Umkhombe kaNowa



uNowa



umkhombe



IGenesis 6:1-22



UYehova wayalela uNowa ukuba akhe
umkhombe.



Wathi makafake zonke izilwanyana
emkhombeni.



ikati



igusha



ingonyama




ihobe



inyoka



impuku






idonki



ibhokhwe



Nceda izilwanyana zifumane indawo yazo emkhombeni:






Zeziphi ezinye izilwanyana esizilibeleyo?



Zoba isilwanyana osithandayo sibe sinye:



Isifundo 7

Unogumbe



uNowa



imvula



IGenesis 7:10-17

Yana imvula.




Iintsuku ezingamashumi amane (40)

nibusuku bazo.




30




EPRELI						
1	2	3	4	5	6	7
8	9	10	11	12	13	14
15	16	17	18	19	20	21
22	23	24	25	26	27	28
29	30					

MEYI						
1	2	3	4	5	6	7
8	9	10	11	12	13	14
15	16	17	18	19	20	21
22	23	24	25	26	27	28
29	30	31				



Yayeka ukuna imvula



imilambo



yayeka



IGenesis 7:24


Amanzi azala imilambo nezitalato.



Yayeka ukuna imvula.



Zaphuma izilwanyana emkhombeni.



Isifundo 9

Umsebenzi wokubala



ishumi




ingca



Masifunde, sibale:


1. Igusha enye




2. Amahobe amabini




3. Iidonki ezintathu



4. Amatakane amane



5. Iikati ezintlanu





Masikhuphele imifanekiso yezilwanyana namanani azo:

1.



2.




3.



4.



5.



Isifundo 10

UMoses ucholwa emanzini



ingobozi
enosana



UFaro
ukumkani




I Eksodus 2:1-10




UFaro
ukumkani



Intombi
kaFaro




Umlambo



Ingobozi
enosana



Usana
oluyinkwenkwe



Iingcongolo



Udade
wabo



Umama
kaMoses



Waba
nobuntu



Wamthanda



Wamthiya
igama
elinguMoses



Wafuna
umntu
wokumgcina



Masibhale amagama ngezi zandi:

C


C

T

T



Khangela igama uMoses ulifake umbala:





UMoses

UMoses uhlangula abantu bakhe amaSirayeli



IEksodus 3:1-10



UMoses wawakhupha eYiphutha
abantu bakhe amaSirayeli.



Abantu bakhe babe ngamakhoboka.



UThixo wenza indlela phakathi kolwandle
olubomvu wabasindisa.



Bawela ulwandle, bavuya kakhulu.



Masizobe ubuso:

Obulusizi

Obunovuyo






Masifune izinto ezahlukileyo kule mifanekiso mibini
sizifake isangqa:



Imithetho elishumi



imithetho



intaba



I Eksodus 20:1-17



UMoses wenyuka intaba.



UThixo wamnika imithetho elishumi.



Masifunde le mithetho yonke: 1 2 3 4 5 6 7 8 9 10

1. Mna ndingu Thixo wakho, uze ungabi na Thixo wumbi ngaphandle kwam.



2. Uze ungazenzeli umfanekiso oqingqiqweyo nokuba ngowayiphi na into.



3. Ungafane ulibize igama lam, ulihloniphe.



4. Khumbula umhla wesabatha, umhla wokuphumla.



5. Mhlonele utata nomama wakho.

6. Uze ungabulali.



7. Thembeka kunkosikazi nakumyeni wakho.



8. Uze ungebi.




9. Uze ungangqini ubungqina bobuxoki ngommelwane wakho.

10. Uze unganqweneli nanye into yommelwane wakho.



Treyisa imithetho elishumi uqale ku-1 uye kuma ku-10.



UDavide umalusi



UDavide



uhadi



I Samuweli 17:34-36



UDavide wayesalusa iigusha zikayise.



Wayezikhusela ezingonyameni



nasemabhereni.



Wayethanda ukudlala uhadi.





Wayethanda ukuthandaza kwaye eyibonga



iNkosi.



Masincede uDavide afumane iigusha zikayise:





Masifunde lo mthandazo:

UYehova ngumalusi wam.



Xa ndisoyika uyandithuthuzela.




Xa ndindodwa uhamba nam.




Ndakusoloko ndimthanda yonke imihla
yobomi bam.



Treyisa okanye uzobe izandla ezithandazayo:





UDavide ulwa nendoda esisigebenga



I Samuweli 17:31-51



UGoliyathi wayesisigantsontso sendoda
eyoyikwayo.



Wayemkhulu kakhulu, enamandla.



Wayefuna ukubulala abantu bakaThixo.



Wayephethe ikrele, umkhonto nekhakha.

abantu babemoyika kakhulu.




UDavide yena wayengamoyiki, elikhalipha.

Wambulala ngesilingi namatye amahlanu.



UDavide waba ligorha elidumileyo.





Masikhangele amagama kwibhlоко engezantsi:

davide

isigebenga

cula

malusi

izimvu

thandaza

i	d	a	v	i	d	e	t	w	s
s	o	q	s	c	s	m	h	f	a
i	v	y	s	a	n	e	a	m	i
g	m	a		u	s	i	n	d	
e	l	k	c	u		a	d	a	k
b	c	v	f	w	k	o	a	j	m
e	f	b	a	x	x	y	z	s	b
n	y	q	u	w	z	r	a	j	r
g	i	s	b	r	x	k	j	h	d
a	t	v	i	z	i	m	v	u	i

UDaniyeli neengonyama



UDaniyeli



emhadini



UDaniyeli 6:1-28



UDaniyeli wayehlala kwilizwe elikude.



Wayengavunyelwa ukuba athandaze uThixo ophilayo.



abantu abakhohlakeleyo baxelela ukumkani ukuba uDanyeli ukhonza uThixo wakhe.



UDaniyeli wafakwa emhadini weengonyama.



Ukumkani waba lusizi kakhulu.

UDaniyeli wayengumntu olunge kakhulu.



Iingonyama azizange zimentzakalise. UThixo



wamhlangula.



Wavuya kakhulu ukumkani akubona ukuba iingonyama azimentzakalisanga uDanyeli.





Masikhuphele la magama:


uDaniyeli



uThixo



Ukumkani



Tingonyama



Thandaza




Emhadini



Wamhlangula



Ukhonza



Isifundo 16

Ukuzalwa kuka Yesu



esitalini



nosana



UMateyu I:18-25



Masifake isangqa:

kuMariya

kwibhokhwe

kuYosefu

kwigusha

kusana uYesu

kwinkwenkwezi



Izazi zeza neziphō



izazi



inkwenkwezi



UMateyu 2:I-12



Izazi zabona inkwenkwezi enkulu
esibhakabhakeni.



“Uphi na lowo uzelweyo size kumnqula?”

Babuza kukumkani uHerode.



Izazi zalandela inkwenkwezi zaya kungena
esitalini.



Zamfumana uYesu zamnika izipho,
zaqubuda kuye.



Masibhale amagama ngesi sandi:



Isifundo 18

Imifanekiso engokuzalwa kuka Yesu



ukhonza






ingelosi



ULuka 2:1-20



Masifunde la magama asezantsi kwemifanekiso nabahlobo bethu:

			
abelusi	izazi	izipho	uMariya unina kaYesu
			
uYosefu uyise kaYesu	iinkwenkwezi	iigusha	idonki
			
itakane	ikati	impuku	ihobe

UHerode ufunan ukubulala usana uYesu



uHerode



ukubulala



UMateyu 2:13-23



Ukumkani uHerode waba nomsindo.



Waphosisa wathi naye ufunan ukumqula.





UYosefu noMariya bathatha usana baya

eYiphutha.



Nceda uthathe usana uYesu uluse eYiphutha:



eYiphutha



uYesu

UYesu wenza umsebenzi kaThixo



ULuka 2:41-52

 UYesu wafundisa abantu ukuba uThixo ulungile.

 Wathi uThixo ubathanda  bonke abantu.

 Waphilisa imilwelwe.

 Wafundisa abantu ukwenza okulungileyo.

 Wabafundisa nokuba bathandane kwaye baxolelane.

 UYesu uthanda  wonke umntu omkhulu nomncinane.



Masikhuphele esi sivakalisi: **UYesu uyandithanda**






Uvavanyo




Gqibezela la magama:



ila.....



inya.....



iink.....




ing.....




intya.....




umt.....



imini no.....




aba.....



isibhak.....



ulw.....



umhl.....



iint.....

UYesu usifundisa ukuthandaza



usifundisa



ULuka II:2-4

 Bawo wethu osezulwini, sibonga igama
lakho elingcwele.

 Siyakubulela ngokusinika isonka yonke imihla.

 Sixolele xa sithe sona.

 Sinedise sibaxolele abo bathe basona.

 Sifundise ukwenza okulungileyo. Amen.



Masifakele amagama ashiyiweyo:

Wena unguB..... wethu.

Thina singabantw..... bakho.

Uyasith..... nathi

siyakuth.....

UYesu uyemka emhlabeni



wabulawa



ezulwini



UMarko 16:19-20

 UYesu waxhonywa emnqamlezweni



 wabulawa.

 Abantu babengakholwa ukuba ungunyana
 kaThixo.

 Izihlobo zakhe zaba nosizi olukhulu.

 Emva kweentsuku ezintathu wavuka

 ekufeni. Izihlobo zakhe zavuya kakhulu.


 Waya ezulwini ngelifu.

 Umoya wakhe usezintliziyweni zethu.

 Usifundisa ukuthanda uThixo nabanye
 abantu.


Izihlobo zakhe zibalisela ihlabathi ngo Yesu
nothando lwakhe.



Masikhuphele esi sivakalisi: UYesu ohlala ezulwini
uyasithanda



Masizobe umfanekiso womnqamlezo:





iculo



uMoya



Masicule eli culo ngetshanti kaNjengebhadi
liBhadula okanye ngetshanti kaWakrazulwa

Masizame ngeentliziyo

Ukuzuz' ukwazi



Singahlali emnyameni

Sibe nokukhanya

Kodwa sineencwadi thina



Zokusibonisa




Ngoko masifunde zona

Sizinyamekele. Amen



Le ncwadi inika abantwana abancinane okanye (abo baqala ukufunda nokuba bakweyiphi na iminyaka) ithuba lokufunda ngobutyebi bamabali eBhayibhile nabalinganiswa bayo abagqamileyo. Isekelezwe kwinkqubo yokuFunda noKwenza equka bonke ubulumko babafundi ekufundeni. Ukufundisa kwenziwa lula ngendlela yokusetyenziswa kwemifanekiso, oonotsheluza nesikhokelo sikatitshala esiqukwe kule ncwadi.

Sebenzisa oonotsheluza ekufundiseni:



Funda ngabalinganiswa bakho
obathandayo eBhayibhileni:



uYesu



uYosefu

uMariya

uDavide

uNowa

Ukubhala ngokuKhokelwa
neminye imisebenzi
inceda ukufunda kube
lula kwaye kube mnandi:



Distributed by the Bible Society of South Africa
www.biblesociety.co.za

United Bible Societies is an NGO partner with UNESCO.

